IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI

AMAZIKO ESAHLUKO SETHOBA

UMgaqo-siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1996 (ss 181—194)

Ziintoni aMaziko eSahluko 9?

ISahluko 9 soMgaqo-siseko weRiphabhliki yoMzantsi Afrika, 1996 sidala amaziko ombuso azimeleyo ama-6. Umsebenzi wawo ophambili kukuqinisa nokukhusela idemokrasi yomgaqo-siseko eMzantsi Afrika ngokukhusela amalungelo abalulekileyo abo bonke abemi afakwe kuMgaqo-siseko. La maziko axhomekeke kuphela kuMgaqo-siseko kwakunye nomthetho.

La maziko eSahluko 9, njengoko esoloko ebizwa, zii "ndlela zokhuseleko" eziqulunqelwe ukuqinisekisa ukuba urhulumente wenza umsebenzi wakhe ngokufanelekileyo kwaye uziphatha ngokuhambelana noMgaqo-siseko. La maziko kufuneka anike inkcaza ngemisebenzi yawo kwakunye nesakhono sawo ubuncinane kanye ngonyaka kwiNdlu yoWiso-mthetho kaZwelonke.

UMkhuseli woLuntu

UMkhuseli woLuntu ufumana aze aphande izikhalazo zoluntu ezijoliswe kwii-arhente okanye amagosa karhulumente, kwaye unegunya lokundululula inyathelo lolungiso.

Iinkonzo zoMkhuseli woLuntu zifelefele kwaye zifumaneka kuye wonke ubani, kwaye ukuba ufaka isikhalazo igama lakho liza kugcinwa liyimfihlo.

UMkhuseli woLuntu uxhomekek kuphela kuMgaqo-siseko kunye nomthetho kwaye uzimele kurhulumente nakulo naliphi na iqela lezolopilitiko.

Akukho mntu okanye isebe lombuso elinokungenelela ekusebenzeni kwe-ofisi yoMkhuseli woLuntu.

PUBLIC PROTECTOR SOUTH AFRICA

Umnxeba: 021 423 8644
Iwebhsaythi: http://www.pprotect.org.za
Ifeksi: 021 423 8708
I-imeyile: shamielai@pprotect.org.za

IKomishoni yaMalungelo oLuntu yoMzantsi Afrika

IKomishoni yaMalungelo oLuntu yoMzantsi Afrika inomsebenzi wokuqinisekisa ukuba iingcinga ezivakaliswa kuMgaqo-siseko zixhanyulwa nguye wonke ummi waseMzantsi Afrika. Zikwenza oku ngokuthi zilandele oku kulandelayo:

- Ukuhoyana noxhatshazo lwamalungelo oluntu kwanokuzabalazela ukuzuza ulungiso kuxhatshazo olunjalo
- Ukuphonononga nokuvavanya indlela entle amalungelo oluntu athi aqatshelwe ngayo eMzantsi Afrika
- Ukuphakamisa ulwazi lwemiba yamalungelo oluntu kuluntu luphela
- Ukufundisa nokuqeqesha uluntu malunga namalungelo oluntu.

south african human rights commission

Umnxeba: 021 426 2277
Iwebhsaythi: www.sahrc.org.za
Ifeksi: 021 426 2875
I-imeyile: info@sahrc.org.za

IKomishoni yoKhuthazo noKhuselo lwaMalungelo oLuntu ezeNkcubeko, eeNkolo kunye neeLwimi (CRL)

Imisebenzi yale Komishoni:

- kukukhuthaza imbeko kunye nokhuseleko olongezelelekileyo lwamalungelo oluntu ezenkcubeko, eenkolo kunye neelwimi;
- kuphuhlisa uxolo, ubuhlobo, ubuntu, unyamezelwano nomanyano lwesizwe kumalungelo oluntu ezenkcubeko, eenkolo kunye neelwimi, kwisiseko solingano, ukungacaluli nokuzibandakanya ngokukhululekileyo;
- ukukhuthaza ilungelo loluntu lokuphuhlisa imveli etshabalaleyo ngokwembali.

COMMISSION FOR THE PROMOTION AND PROTECTION OF THE RIGHTS OF CULTURAL, RELIGIOUS & LINGUISTIC COMMUNITIES

Umnxeba: 011 537 7600
Iwebhsaythi: www.crlcommission.org.za
Ifeksi : 011 880 3495
I-imeyile: ceo@crlcommission.org.za

IKomishoni yeSini yoLingano

Indima yeKomishoni yeSini yoLingano kukuqhubela phambili ulingano kwezesini kuwo onke amanqwaqwa oluntu kwakunye nokwenza izindululo kuwo nawuphi na umthetho ochaphazela imeko yamakhosikazi.

IKomishoni kufuneka ikhuthaze imbeko yolingano ngokwesini kwakunye nokhuseleko, uphuhliso nogcino lolingano lwesini

IKomishoni ijonge ukuguqula uluntu ngokuthi "idandalazise ucalulo ngokwesin kwimithetho, imigaqo-nkqubo nezenzo."

Ikwakhuthaza iinguqu kwiingqondo ezicalula ngokwesini kunye nojongelo phantsi ngokwesini, kwaye izabalazela ukubonakalisa ukuba amalungelo amakhosikazi ngamalungelo abalulekileyo.

Nangona iKomishoni isebenza kwimidla yamakhosikazi ngokubanzi, inika ingqwalasela ethile kwawona makhosikazi avinjwe amathuba, lawo ahlala kwiindawo zamaphandle nakwiindawo eziphantse zibe ziidolophu.

Commission for Gender Equality
A society free from gender oppression and inequality

Umnxeba: 021 426 4080
Iwebhsaythi: www.cge.org.za
Ifeksi: 021 424 0549
I-imeyile: kamraj@cge.org.za

UMphicothi-zincwadi Jikelele

UMphicothi-zincwadi Jikelele unoxanduva lokuphiocotha iincwadi kwanokunika ingxelo ngee-akhawunti, iingxelo zezimali kwanolawulo lwezimali zawo onke masebe karhulumente kazwelonke nawamaphondo kwakunye nolawulo; bonke oomasipala; kwakunye naliphi na elinye iziko okanye iqumrhu lobalo-zimali elifunwa ngumthetho kazwelonke okanye owephondo ukuba liphicothwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

UMphicothi-zincwadi Jikelele usenakho ukuphicotha iincwadi aze anike iingxelo ngee-akhawunti, iingxelo zezimali zalo naliphi na iziko elixhaswa ngezimali kwiNgxowamali yeNgeniso kaZwelonke okanye iNgxowamali yeNgeniso yePhondo okanye ngumasipala; okanye naliphi na iziko eligunyaziswe ngokwemigaqo yawo nawuphi na umthetho ukuba lizuze imali ngenjongo yokuxhasa uluntu.

AUDITOR-GENERAL SOUTH AFRICA

Umnxeba: 021 528 4100
Iwebhsaythi: http://www.agsa.co.za
Ifeksi: 021 528 4201
I-imeyile: zineg@agsa.co.za

IKomishoni yoLonyulo eziMeleyo (IEC)

IKomishoni yoLonyulo eziMeleyo inoxanduva lokulawula ulonyulo lwamaqumrhu ezomthetho kazwelonke, awamaphondo nakamasipala ngokuhambelana nomthetho kazwelonke kwanokuqinisekisa olo lonyulo lukhululekile kwaye alunamkhethe. Kwakhona kufuneka ibhengeze iziphumo zolo lonyulo phakathi kwixesha elichazwe ngumthetho kazwelonke.

Nangona ixhaswa ngezimali ngurhulumente kwaye inika inkcaza kwiPalamente, i-IEC izimele kurhulumente.

ICandelo 5 loMthetho weKomishoni yoLonyulo, 1996 lifuna ukuba i-IEC:

- iqulunqe kwaye igcine irejista yamaqela;
- iqhube kwaye ikhuthaze uphando kwimicimbi yezolonyulo;
- ikhuthaze imfundo yabavoti;
- iqeshe abalawuli boluntu abafanelekileyo kulo naliphi na inqwanqwa likarhulumente ukuba liqhube ulonyulo xa kuyimfuneko;
- ithi rhoqo ihlaziye imithetho yolonyulo kwanemithetho yolonyulo ephakanyisiweyo, kwanokuba yenze izindululo.

IEC SOUTH AFRICA

Umnxeba: 021 910 5700
Iwebhsaythi: www.elections.org.za
Ifeksi: 021 910 4965
I-imeyile: iec@elections.org.za

IGunyabantu eliziMeleyo loNxibelelwano loMzantsi Afrika (ICASA)

ELINYE IZIKO ELINAKANELWA UKUKHUTHAZA IDEMOKRASI

I-ICASA ligunyabantu elizimeleyo elimsebenzi walo ikukumisela usasazo kumdla woluntu, kwanokuqinisekisa ukwaneliseka neyantlukwano yezimvo ezimele uluntu lwaseMzantsi Afrika ngokubanzi.

Eli Gunyabantu likwakhupha iilayisenisi zonxibelelwano lweemfonomfono kunye nolwabanikezeli ngeenkonzo zosasazo, linyanzela uthotyelo lwemithetho nemimiselo, likhusela abathengi kwizenzo ezingezihle zezoshishino kwaneenkonzo ezikumgangatho ophantsi, limamela lize ligqibe ngeembambano nezikhalazo eziziswa ngakwiilayisenisi nolawulo kwaye lilawula usetyenziso olululo lwamajelo oonomathotholo.

ICASA

Umnxeba: 021 431 9800
Iwebhsaythi: www.icasa.org.za
Ifeksi: 021 431 9860
I-imeyile: djohns@icasa.org.za

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600

WCPP Poster-Chapter Nine.indd 1 7/30/15 5:17 PM